basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LESITHATHU (P3)

## 2017

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: Iiyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha ama-6.**

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Umhlathi omde | (30) |
| ICANDELO C: | Umhlathi omfutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ube MNYE KWICANDELO ngaLINYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele phambi kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Ingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   - ICANDELO A: Imizuzu engama-80
   - ICANDELO B: Imizuzu engama-40
   - ICANDELO C: Imizuzu engama-30

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: ISINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Umhlobo wam. **[50]**

1.2 Umculo udala umanyano. **[50]**

1.3 Iimpembelelo zemidiya kuluntu. **[50]**

1.4 Xa ndinokumbona nokuba kusephupheni, ndingaze ndimxelele ukuba ... **[50]**

1.5 Ukuhleka kuyaphilisa. **[50]**

1.6 Ukunyuka kwexabiso lepetroli. **[50]**

1.7 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Nika isihloko isincoko sakho.

1.7.1



[Uthatyathwe ku: google pics wahlelwa] **[50]**

## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

### UMBUZO 2

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabubengamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhala ileta eya kumalume wakho uvuyisane naye ngesixa-mali asifumene kukhuphiswano ebelungenele. **[30]**

2.2 **ISIVI NELETA EYIKHAPHAYO**

Bhala isivi neleta eyikhaphayo egameni likaUyanda Msizi ofuna umsebenzi wokuba nguManejala wevenkile yeempahla. **[30]**

2.3 **IAJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO**

Bhala iajenda nemizuzu yentlanganiso yombutho wengingqi yakho. **[30]**

2.4 **INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo phakathi konovenkile nomthengi malunga namaxabiso eemveliso azithengisayo. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

### UMBUZO 3

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 **ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Bhala isibhengezo-ntengiso semveliso oyithengisayo. **[20]**

3.2 **UNGENISO LWEDAYARI**

Bhala ungeniso lwedayari lweentsuku ezintandathu zamalungiselelo omgidi womntakwenu. **[20]**

3.3 **IMIYALELO**

Bhala imiyalelo yokuphekwa kwesidlo osithandayo. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**